# Inkolo nenkcubeko yabantu baseMzantsi Afrika

## Imibuzo phambi kwebali

1. Dwelisa iintlobo zeenkolo okhe weva ngazo zibe ntathu.
2. Chaza ukuba yeyiphi eyakho inkolo.

Umntu ngamnye uyazikhethela inkolo akholelwa kuyo. Ngokwenkolo yamaXhosa thina sikholelwa kuThixo okanye uQamata. Abanye bakholelwa kwinkolo yamandulo yokunqula izinyanya. Bakholelwa ukuba izinyanya ziyabakhusela zikwabakhokelela endleleni eyiyo.

Yeyona nkolo ibalulekileyo le kwaXhosa.

EXTRACT PAGES



AmaXhosa akudala ayenqula ntoni?

## AmaKrestu eMzantsi Afrika




EXTRACT PAGES

AmaKrestu eMzantsi Afrika aziindidi ngeendidi. Eli gama lithi Krestu lithathwe kwigama uYesu Krestu. Inkolo yobuKrestu ekukholelwa ukuthi uBawo uAbraham unguyise wamakholwa. Le nkolo ibhekise kubomi neemfundiso zikaYesu Krestu. Yeyona nkolo egqibe ilizwe lonke.

Inkonzo yamaKrestu yeyona egqibe ilizwe lonke. Uyavumelana noku okanye hayi?

## Izinto amaKrestu akholelwa kuzo




Zintlanu izinto amaKrestu akholelwa kuzo ngoYesu Krestu.

1. Kukuzalwa kukaYesu ngendlela eyahlukileyo.
2. UThixo nguThixo ongubathathu emnye uMtriniti.
3. Ukubaluleka komnqamlezo.
4. Ukuvuka kwabafileyo nokuthi uYesu wavuka ekufeni.
5. UYesu Krestu uza kubuya okwesibini.

Zingaphi izinto akholelwa kuzo amaKrestu?

EXTRACT PAGES




Zisixhenxe iimpawu azimisayo amakholwa xa ekhonza.

1. Funa uThixo esenokufumaneka.
2. Ubulumko bokuqala kukoyika uThixo.
3. Mthande!
4. Kholelwa kuye!
5. Mthobele uzinikele kuye.
6. Mnqule ngenene nangenyaniso.
7. Kwakhona amakholwa anikwa imithetho elishumi esisixhobo sawo.

EXTRACT PAGES

Mingaphi imithetho esisixhobo eyanikwa amakholwa? Ukhona wena owaziyo?

# Amaziyoni




EXTRACT PAGES

Imbali yenkonzo yamaZiyoni elibhekisa kwinduli yeJerusalem. Ikwathetha indawo engcwele okanye ubukumkani bamazulu. Iingcambu zale nkonzo kukuba “Inqaba” okanye “Intlango” yindawo ekhonjwe nguThixo apho abalandeli bahlala bethandaza kuThixo. Ikwayindawo engcwele yabaphambukeli uThixo akhusela abantu bakhe kububi belizwe.

Imbali yenkolo yamaZiyoni ibhekisele phi?



Zininzi iindidi zamaZiyoni. I-ZCC yeyona cawa inkulu kwilizwe lonke. Eli gama libhekiselele kwintaba iZiyoni. Bathandaza uThixo ngegama likaYesu Krestu. Basebenzisa iti nekofu ekuthiwa yi "Ndayela." Le ti yeyokuphilisa abo bagulayo. Emva kokufa komseki wayo yaqhekeka kubini.

Ibizwa ntoni iti okanye ikofu yabo?

EXTRACT PAGES

## Inkolelo yamaZiyoni



EXTRACT PAGES

Inkolelo yamaZiyoni igxininisa kwimpiliso, uphehlelelo nokuza kukaYesu Krestu. Okwesibini. Bakholelwa ukuba uYesu:

- ngunyana kaThixo.
- wafa wabuya wavuka.
- wenyuka waya kuyise onguThixo.

Ashumayela ivangeli engoYesu Krestu njengoko ibhaliwe kwiBhayibhile.

AmaZiyoni ashumayela ntoni?



EXTRACT PAGES

Abantu bale nkonzo abaphehlelelweyo abayityi inyama yehagu. Abazityi izilwanyana ezifileyo. Abakukhuthazi ukutshaya nokusela utywala. Bayakholelwa kwizinyanya. Bathi imimoya yabantu abangasekhoyo iphila phakathi kwabo yaye iyabakhusela.

Yinyama yantoni abangayityiyo amaZiyoni? Ucinga ukuba sithini isizathu soko?

## Inkonzo yamaKatolika



Icawe yamaKatoliki yenye yeenkonzo ezinkulu kwilizwe jikelele. Yenye yeenkonzo ezindala ekho mphesheya kolwandle. AmaKatoliki anqula uThixo, uMtriniti onguYise, uNyana noMoya oyiNgcwele. NguThixo omnye oziqu zithathu. Bathi nguYahweh, owesibini nguMtriniti ongunyana oweza ehlabathini  engumntu eze kusindisa abantu.

EXTRACT PAGES

Icawe yamaKatoliki yenye yeenkozo ezindala.  Uyavumelana?



EXTRACT PAGES

Xa ungumKatoliki kufuneka uphile inkolo yobuKrestu. Kufuneka uthandaze imihla yonke, uthabathe inxaxheba kwisidlo seNkosi (umthendeleko) wamkele iimfundiso zobuKrestu. AmaKatoliki awathandazi uMariya njengoThixo, athandaza uThixo ebulela ngezinto ezinkulu abenzele zona.

AmaKatolika aphila inkonzo yobuK_______. Gqibezela.



Uphawu lokholo lwamaKatoliki kukubethelelwa kukaYesu Krestu emnqamlezweni. Wazincama kwaphalala igazi lakhe ukuze sixolelwe izono zethu. AmaKatoliki akholelwa ukuba uYesu Kristu waye enguThixo ekwangumntu. Akholelwa ukuba uYesu Krestu nguThixo uNyana noThixo uMoya oyiNgcwele. Bakwakholelwa ukuba iBhayibhile le lilizwi likaThixo.

EXTRACT PAGES

Chonga incwadi amaKatoliki akholelwa kuyo.

## Isizwe Somnyama



Ilizwe loMzantsi Afrika kuthiwa lilizwe elineentlanga ezixubeneyo. Oko kukuthi zifana nomnyama. Khumbula umnyama unemibala emininzi emihle. EMzantsi Afrika kuhlala abantu abanamasiko, iinkolelo nezithethe ezahlukeneyo. Abantu balandela ubizo ngokomoya neenkolelo zabo. Abantu bayakhuthazwa ukuba bahloniphe iinkolelo, izithethe namasiko zabanye abantu.

EXTRACT PAGES

Umnyama unemibala enjani?